



ISIXHOSA

THE HOUSE OF THE TWELVE APOSTLES

UMBULISO WOMNYAKA KA 2025/2026

Imfundo yeNkosi kubaHedeni (Kwiintlanga) ifundiswa NgabaPostile Abalishumi Elinambini.

“IMFUNDISO”

Isahluko 1

Kukho iindlela ezimbini, enye yeyoBomi enye ibe yeyoKufa, kwaye kukho umahluko omkhulu kwezi Ndlela zimbini. Nantsi iNdlela yoBomi: “Okokuqala, uyakumthanda uThixo okudalileyo, okwesibini, abamelwane bakho kangangoko uzithanda, zekuthi nantoni na ongathandiyo ukuba yenziwe kuwe uze nawe ungayenzi komnye.” Ngoku ke nantsi imfundiso yala mazwi: “Basikelele abo bakuqalekisayo, uzithandazele iintshaba zakho, uze ubazilele abo bakutshutshisayo. Kuba uyakuzuza ntoni ngokuthanda abo bakuthandayo? Abenzi kwa loo nto na abahedeni? Kodwa ke wena kweyakho indawo, “Bathande abo abakuthiyileyo,” kwaye awusoze ube natshaba. Zicezele iinkanuko zenyama, kwanezomzimba.” “Xa ubani ekucela ukuba umkhaphe imayile enye, hamba naye zibembini. Xa athe wathabatha ingubo yakho yokwambatha mkhululele neyangaphantsi. Nabani othi akuxuthe into yakho, sukumalela” - nokuba ubunakho. Mphe wonke ubani ocela into kuwe, ungamaleli, kuba kuyintando kaThixo ukuba siphe wonke umntu kwizipho esithe sazizuka. USikelelekile lowo uphayo esenza ngokomyalelo; kuba umsulwa. Yehaa! ke kulowo wamkelayo!, kuba xa indoda isamkela isipho iphantsi koxinzelelo lwentswelo, imsulwa loo ndoda. Kodwa lowo wamkela kungekho mfuneko uyakumangalelwa aze achaze isizathu sokuba amkele, aze athi esentolongweni ancinwe ngokwesenzo eso sakhe, kwaye akasokuze aphume apho entolongweni de ali hlawule lonke ityala elo. Kodwa ke ngokunxulumene noku, ikho intetho ethi, “Khawuzibambe izipho zakho zide zibilele esandleni sakho ude wazi okokuba ungazinika bani na”

Isahluko 2

Kodwa umyalelo wesibini wale mfundo ngulo: “Uze ungabulali”; “uze unghenyuzi; uze ungalalani nenye indoda; uze ungakrexezi; uze ungebi; uze ungasebenzisi ubugqi; uze ungasebenzisi amachiza okurhwebesha uthando;

awuyi kuqhomfa (ukukhupha isisu); okanye ubulale iintsana; awuyi kunqwenela izinto zommelwane wakho; awuyi kufungela inkohliso; awuyi kungqina ubuxoki; awuyi kuba namayelenqe; awuyi kuthetha kakubi. Uze ungabi ngumbholo-mbini okanye ube nolwimi olumbhaxa, kuba ukuba nolwimi olumbaxa ngumgibe wokufa. Intetho yakho ayiyikuba lilize okanye ilambathe koko iyakuphuhliswa zizenzo ezipheleleyo. Awuyi kubawa okanye uphange okanye uhanahanise okanye ube nolunya; okanye ube nekratshi. Awuyi kumenzela iyelenqe umelwane wakho. Awuyi kuthiya mntu kodwa omnye uyakumkhalimela, ze abanye ubathandazele, kuzekuthi omnye umthande ngaphezu kobomi bakho.

Isahluko 3

Mntwana wam, baleka umke phambi kwayo yonke indoda ezele inkohlakalo naphambi kwabo bonke abafana nayo. Ungabi nakratshi kuba ikratshi likhokelela ekubulaleni, ungabi nasikhwele okanye ukusukuzana; okanye iphuku, kuba zizonke ezi zinto zingunobangela wokufa. Mntwana wam uze ungabi nazinkolelo, ungacandisi unyana wakho okanye intombi yakho emlilweni. Ungaze uvumise, ungabi sisanuse, okanye umbulule, mhlawumbi uchile, okanye ukhafule, ungayisebenzisi imilingo okanye uqhagamshelane nabangasekhoyo. Ungaze unqwenele kwanqu ukuzibona ezi zinto, kuba ziphembelela unqulo zithixo. Mntwana wam uze ungabi lixoki kuba ubuxoki buphembelela ubusela, ungabi nguye nomthandi wemali okanye uzigwagwise kuba zonke ezi zinto ziphenjelelwa bubusela. Mntwana wam uze ungabi ngumntu osoloko ekhalaza kuba oku kukhokelela ekwanyeliseni uThixo, ungabi nazinkani, okanye ucebe okubi entliziyweni yakho, kuba konke oku kuzalwa kukwanyelisa uThixo, kodwa wena uze “ululame, kuba abanobulali bayakuwuzuzisa ilifa umhlaba, uze utsale nzima, ube nenceba, nobunyulu (ungabi namaqhinga okanye amayelenqe), uzole, ulunge, uzithobe ngalo lonke ixesha, ungavumeli ukuzigwagwisa (ukuzikhukhumalisa, ikratshi) kukongamele. Umphefumlo wakho awuyi kunxulumana nabaphakamileyo, kodwa wena uyakuhamba nabantu abangamalungisa kunye nabathobekileyo. Yamkela zonke iingozi ezikwehlelayo njengezinto ezilungileyo, usazi nje ukuba akukho nto yenzeka ngaphandle kukaThixo.

Isahluko 4

Mntwana wam, uyakumkhumbula imini nobusuku, lowo uthetha kuwe iLizwi likaThixo kwaye uyakumhlonela njengeNkosi, kuba apho kuthethwa khona ngendalo yeNkosi, kulapho lkhoyo iNkosi. Kwaye uyakuthi ngayo yonke imihla ufune abangcwele onokuthi wena ufumane ukuphumla kumazwi abo. Awuyi

kunqwenela inkqekeko yenkonzo koko uyakuxolelanisa nabo abenza imigudu (iinzame.) Uyakugweba ngobulungisa, awuyikukhetha buso bamntu xa ugxeke (usohlwaya) ububi. Awuyikuba namathandabuzo ucinga okokuba isiphumo siyakuthi okanye asiyikuthi. Musa ukuba ngumntu owolula izandla xa usamkela uze uzivale xa kufuneka uphe abanye abantu. Koko othe wakwamkela ngezandla zakho uyakwenza umnikelo wokucamagushela izono zakho. Awuyikuthandabuza ukupha, kwaye awunakukhalaza xa usipha, kuba uyakuba usazi okokuba ngubani na oyena mvuzi ulungileyo walo mvuzo. Awunakumgxotha lowo usweleyo, kodwa uyakwabelana naye ngento yonke, kwaye awusayikuthi kokwakho oko wabelana naye ngako, kuba xa ningamadlelane kokungonakaliyo kukangakanani kwizinto ezonakalayo. Awuyikusibandeza isandla sakho kunyana wakho okanye kwintombi yakho, kodwa uyakubafundisa ukoyika uThixo kwasebutsheni babo. Ikhoboka lakho okanye umkhonzazana wakho uze ungalithetheli ngobukrakra bakho, abathembele kwakulo Thixo mnye nawe, ngaphandle kokuba bakreqile ekukhonzeni loThixo owongamele phezu kwenu nobabini; kuba Yena Akezanga kubiza abantu abahloniphe abantu, kodwa abo abalungiswe nguMoya. Nina ke zicaka bathobeleni abanikhonzisayo ninentlonipho noloyiko. Niyakuyithiya inkohliso, nayo yonke into engayivuyisiyo iNkosi, kodwa niyakuyigcina yona into eniyamkelisiweyo, “zeningongezi nto kuyo kwaye ningayikunciphisa nto.” Ebandleni niyakuzixela/niyakuzivuma iziphoso zenu, kwaye anisayi kuya kwiqonga lokuthandaza ninezazela ezikhohlakeleyo. Le yiNdllela yoBomi.

Chapter 5

Kodwa indlela yokufa yile: Okokuqala, ikhohlakele kwaye izele kukuqalekisa: ukubulala(ukugwinta), umbulo,iinkanuko, uhenyuzo, ubusela, unqulo-zithixo, ubugqwirha, amakhubalo, ukuphanga, ubungqina bobuxoki, uhanahaniso, intliziyo ethandabuzayo, ubuqhophololo, ikratshi, ububi, iinkani, ukubawa, intetho engcolileyo, umona, ukungabi nasimilo, ikratshi/ubuqhophololo, ukuqhayisa. Abatshutshisi bamalungisa, abathiyi benyaniso abathandi bobuxoki, ukungawaziyo umvuzo wobulungisa, ukungabambeleli kokulungileyo nakwisigwebo sobulungisa, ukuchitha ubusuku uhleli (ungenabuthongo) kungekho ngenxa yobulungisa kodwa ngenxa yenkohlakalo, kulowo bukude kuye ubulali nomonde, abathandi belize, abalandeli emva komvuzo (kwenzuzo),abangenanceba (abangenalusizi) ngabahluphekileyo, akamsebenzeli ocinezelekileyo nobulaleka ngumsebenzi, engenalwazi ngaLowo ubadalileyo, ababulali babantwana, abonakalisi bezidalwa zikaThixo, babajike abasweleyo, babacinezele ababandezelekileyo, abameli bezityebi, abagwebi abangalunganga

bamahlwempu, bagcwele zizono ngokupheleleyo (Bankone zizono xa bebonke); manihlangulwe bantwana bam kuzo zonke ezi zinto.

Isahluko 6

Lumkani “kungabikho bani unokunenza none kuleNdlela yemfundo, kuba owenza njalo ukufundisa engenaThixo. Kuba xa unokuyithwala ngokupheleleyo idyokhwe yeNkosi uyakufezeka, kodwa xa ungenakwenza njalo, yenza oko onokukwazi. Mayelana nokutya thwala (phatha) loo nto onokuyithwala, kodwa qinisekisa okokuba uyacezela (awuthathi nto) kwinto elungiselelwe izithixo, kuba oko kukukhonza izithixo ezingaphiliyo (ezifileyo).

Isahluko 7

Malunga nobhaptizo (untywiliselo) bhaptiza ngolu hlobo: sele ugqibile ukuzithetha zonke ezi zinto, bhaptizesha eGameni likaYise, eloNyana, neloMoya OyiNgcwele, emanzini abalekayo. Kodwa xa engekho amanzi abalekayo, baptiza ngamanzi afumanekayo; kwaye xa ungenakuwafumana amanzi abandayo, baptiza kumanzi ashushu. Ukubangaba akafumaneki abandayo okanye ashushu, baptiza ngokugalela amanzi izihlandlo ezithathu entlokweni oko ukwenza eGameni likaYise, eloNyana neloMoya oyiNgcwele. Ngaphambi kobhaptizo kufuneka umbhaptizwa nombhaptizi bazile, kunye nabo abanokukwazi kwirhamente. Kwaye, uyakumyalela umbhaptizwa ukuba azile usuku lubelunye okanye iintsuku ezimbini ngaphambi kobhaptizo.

Isahluko 8

Ungakuvumeli ukuzila kwakho kudibane nokuzila kwabahanahanisi, kuba bona bazila ngemiVulo nangolweZine, ube wena uzila ngoolwesiThathu nangoolwesiHlanu. Kwaye uze ungathandazi njengabahanahanisi, kodwa njengokuyalela kweNkosi kwiVangeli yaYo, thandaza wenjenje: “Bawo wethu OsemaZulwini, malidunyiswe iGama Lakho, ubuKumkani Bakho maBufike, intando Yakho mayenziwe emhlabeni kwanjengokuba isenziwa emaZulwini, siphe namhlanje isonka sethu semihla ngemihla, usixolele amatyala ethu njengokuba nathi sibaxolela abo abanamatyala kuthi, Uze ungasingenisi ekulingweni, kodwa sihlangule kulowo ukhohlakeleyo, kuba amandla ngawaKho nobungcwalisa bobakho kude kube ngunaphakade.” Amen. Thandaza ngolu hlobo kathathu ngemini.

Isahluko 9

Malunga noMbulelo, wuqhube uMbulelo wenjenje: Okokuqala malunga nendebe: “Sibulela kuWe, kuWe, Bawo wethu, ngoMdiliya oNgcwele wonyana wakho uDavide, owasazisa ngawo ngoMntwana waKho uYesu. Kuwe mayibe luzuko ngamaxsha onke.” Kwaye malunga nesonka esiqhekeziweyo: Siyakubulela, Bawo wethu ngobomi nolwazi owasazisa ngalo ngoMntwana waKho uYesu. Kuwe makube luzuko lwamaxsha onke. Njengoko esi sonka siqhekeziweyo sasisasazeke ezintabeni, sahlanganiswa saba yinto enye, ngoko mayihlanganiswe iNdibano Yakho, ukusuka eziphelweni zomhlaba ukuya ebuKumkanini baKho, kuba uzuko lolwaKho, namandla ngoYesu Krestu ngonaphakade. Kodwa makungabikho nomnye utyayo okanye uselayo kuMbulelo waKho, ngaphandle kwabo ababhaptizwe egameni leNkosi. Malunga nalo mba iNkosi Yathi, “Musani ukunika izinja okungcwele.”

Isahluko 10

Kodwa wakuba wanelisekile kukutya, phisa: “Siyabulela kuwe, Bawo Oyingcwele, ngenxa yegama lakho Elingcwele olenze lahlala ezintliziyweni zethu nangenxa yolwazi nokholo, nokuziphatha kakubi Othe wena wasazisa ngako ngoMntwana wakho uYesu. Kuwe makubekho uzuko ngonaphakade. WeNa Nkosi, Enamandla onke wadala zonke izinto ngenxa yeGama Lakho, waza wanika ukutya nesiselo ebantwini, ukuze baxhamle bazonwabise, ukuze babulele kuWe, kodwa Usisikelele ngokutya nesiselo saseMoyeni nokukhanya okuqhubekayo ngoNyana waKho. Ngaphezu kwako konke sibulela kuWe ngokuba Unamandla onke. Malube kuWe uzuko lwamaxsha onke. Khumbula Nkosi Indibano yaKho, ukuyihlangula kubo bonke ububi, kwaye uyenze igqibelele eluthandweni lwaKho, Uyihlanganisele ebungcweleni bayo kuyo yomine imimoya uyihlanganisela ebuKumkanini baKho obubulungiselele yona. Kuba amandla ngawaKho nobungcwalisa bobakho ngonaphakade. Malufike ubabalo lidlule eli hlabathi. Hosana kuThixo kaDavide. Ukubangaba ubani ungcwele, makeze. Ukubangaba ubani akekho ngcwele makaguquke: “ Yiza Nkosi! Amen” Kodwa bavumele abaprofeti babambe uMbulelo njengoko bayakwenza.

Isahluko 11

Nabani na ke ngoko ozayo aze anifundise zonke ezi zinto ezisele zikhankanyiwe, mamkeleni. Kodwa ukubangaba umfundisi lowo uthe ngokwakhe wajika wafundisa mfundiso yimbi ngendlela yokutshabalalisa ezi zinto, nize ningammameli. Kodwa ukubangaba imfundiso yakhe yeyokukhulisa ubulungisa nolwazi lweNkosi, mamkeleni njengeNkosi. Kananjalo ngokuyelanene nabapostile nabaprofeti, yenza ngokwendlela yevangeli. Makathi wonke umpostile oza kuwe

amkelwe ngokweNkosi, kodwa uze ungameni ahlale ngaphezu kosuku olunye, okanye xa kuyimfuneko oko angazihlala iintsuku ezimbini; kodwa ukubangaba uhleli zantathu iintsuku, yazi okokuba ungumprofeti wobuxoki. Xa ephuma umpostile makangamkeliswa nto kodwa isonka esiyakumanela ade afike kwindawo yakhe yokuphumla. Kodwa xa ecela imali, ungumprofeti wobuxoki. Musa ukucikida okanye ukugocagoca nawuphi na umprofeti othetha eseMoyeni, “kuba zonke izono ziyakuxolelwa, kodwa esi sona isono asiyi kuxolelwa.” Kodwa asingabo bonke abathetha ngomoya abangabaprofeti, ngaphandle kokuba banemikhwa yeNkosi. Ukusuka ekuziphatheni kwakhe, ngoko, umprofeti wobuxoki kunye nomprofeti wenyaniso, lowo uyalela isidlo eseMoyeni uyakudla kuso: kungenjalo ungumprofeti wobuxoki. Naye wonke umprofeti ofundisa inyaniso, ukubangaba akakwenzi oko akufundisayo, ungumprofeti wobuxoki. Akukho mprofeti uvavanyiweyo kwaye oyinyaniso nokuba wenza imfihlakalo yeNdibano, ukubangaba akabafundisi abanye ukuba benze njengokuba yena esenza, uyakugwetywa nini, kuba unomgwebo wakhe noThixo. Kuba benza njalo nabaprofeti bamandulo. Kodwa nabani na angathi ngomoya, “ndiphe imali, okanye nantonina enye”, awusoze ummamele; kodwa xa ecelela abasweleyo, makungabikho namnye umsolayo.

Isahluko 12

Makathi wonke umntu “oza eGameni leNkosi” amkelwe, kodwa wakuba umvavanyile, uyakumazi, kuba uyakube sowuqonda ukuba ngu ewe okanye ngu hayi na. Ukubangaba lo uzayo lundwendwe, mncede kangangoko unako. Kodwa ukubangaba akasoze achithe ngaphezu kwentsuku ezimbini okanye xa kuyimfuneko ezimbini. Kwaye xa efuna ukuhlala phakathi kwenu kwaye unobuchule (unesiphiwo), mnike (mbonelele) ngokokuqonda kwakho, ukwenzela ukuba kungabi mntu uyakuhlala njee, phakathi kwenu, enobuchule, makasebenze aze atye. Kodwa xa engenzi msebenzi wabuchule (wakurhweba) ngokokuqonda kwenu yenzani okokuba angahlali nje engenzi nto akugqiba ukuba ngumKrestu. Kodwa ukuba ngaba akanakukwenza oku wenza uKrestu isithintelo/umqobo., yilumkeleni into enje.

Isahluko 13

Kodwa wonke umprofeti wenyaniso onga angahlala phakathi kwenu “ufanelwe kukudla kwakhe” Ngokukwanjalo umfundisi wenyaniso naye ukwafanelwe, njengomsebenzi kukudla kwakhe. Ngoko ke niyakuthabatha intlahlela yemveliso yesixovulelo sewayini, nakwisanda, nasezinkomeni nakwizimvu, ninikele ngazo nje ngomnikelo wesivuno sokuqala sabaprofeti, kuba bona bangabaprofeti benu

abazintloko. Kodwa xa ningenabo abaprofeti, nikelani kumahlwempu. Xa usenza isonka, thabatha ezokuqala unikele ngazo njengoko uyalelwe. Ngokunjalo, xa uvula ingqayi yewayini okanye yeoli nika abaprofeti iziqhamo zokuqala. Kwimali nakwiziqhamo nakuzo zonke izinto onazo, thabatha iziqhamo zokuqala, ngokohlobo ekulunge ngalo kuwe, unikele njengoko uyalelwe.

Isahluko 14

Ngosuku lweNkosi hlanganani, niqhekeze isonka, nenze uMbulelo, emva kokuba nithe nazivuma iziphoso zenu, khon' ukuze umnikelo wakho uzokuba nyulu; kodwa nize ningavumeli namnye umntu onendawo abambane ngayo nomntakwabo ukuba abe yinxenye yentlangano yenu de abe uxolelene nomntakwabo, khon' ukuze umbingelelo wenu ungangcoli. Kuba naku okwathethwa yiNkosi, "Kuyo yonke indawo nangalo lonke ixesha nikelani kuM umbingelo onyulu, kuba ndiyiNkosi enkulu, itsho iNkosi, kwaye iGama laM lingumangaliso kubahedeni.

Isahluko 15

Ngoko ke, zanyuleleni abaveleli abafanelekileyo nezicaka ezifanelekileyo eNkosini –amadoda alulamileyo, angathandi mali, anenyaniso navunyiweyo kuba bakwanilungiselela nani ngolungiselelo lwabaprofeti kunye nabafundisi, ke ngoko, musani ukubadelela, ngokuba ngamadoda abekileyo kuni, ndawonye nabaprofeti nabefundisi. Nize ningakhalmelani ngomsindo, kodwa ngoxolo njengoko nifumana kwiindaba ezilungileyo, kananjalo makungabikho namnye uthetha nalowo uthe wona ummelwane wakhe, angevi kwa ilizwi kuni ade abe uguqukile. Qhubekani ngemithandazo yenu, kwa nobulungisa nangazo zonke izenzo zenu enizifumana kwiindaba ezilungileyo zeNkosi yethu.

Isahluko 16

"Lumkela" ubomi bakho; ungavumeli "isibane sakho" sicinywe; nize ningavumeli "amanqe enu" akhululwe; kodwa hlalani "nilungile," kuba ningalazi "ilixa lokuza kweNkosi yethu." Kodwa hlanganisanani rhoqo nifuna izinto eziyinzuzo kwimiphefumlo yenu, kuba lilonke ixesha lokholo lwakho aluyi kukunceda nganto, ngaphandle kokuba ufumaniseke ugqibelele ngexesha lokugqibela: kuba ngemihla yokugqibela abaprofeti bobuxoki kunye nabalalekisi bayakwanda, izimvu ziyakujika zibe ziingcuka, luthi uthando lube yintiyo; kuba kwakwanda ukuchasa umthetho bayakuthiyana, batshutshisane, bangcatshane, aze umkhohlisi wehlabathi aziveze njengonyana kaThixo, kwaye uyakwenza imiqondiso nemilingo, uyakuthi umhlaba unikezelwe ezandleni zakhe, kwaye uyakwenza

ubugwenxa obungazange babonwa ukusukela ekusekweni kwehlabathi. Emva koko indalo yoluntu iya kuba seluvavanyweni olukhulu, baninzi abayakukhubeka, baze baphulukane nokholo, kodwa “abo abayakunyamezela” elukholweni lwabo “bayakusindiswa” sisiqalekiso ngokwaso. Kuyakuthi “emva koko iyakuvela imiqondiso yenyaniso.” Okokuqala, ngumqondiso onwenwe esibhakabhakeni, kubekho umqondiso wesandi sexilongo, okwesithathu luvuko lwabafileyo; kodwa ingengabo bonke abafileyo, kuba kwathiwa, iNkosi iya kuza, isiza nayo yonke imikhosi yaYo engcwele.” Kuyakuthi ngoko ihlabathi liyibone iNkosi isiza isemafini eZulu”

Okokugqibela, le yimfundo yeNkosi kubaHedeni (Kwiintlanga) ifundiswa ngabaPostile abaliShumi naMbini. Kucingwa ukuba yabhalwa phakathi kuka AD50 no 150. Olu xwebhu luqulathe imigaqo esisiseko yokuphila impilo yobuThixo, inguquko kunye nesiko.

Lo myalezo ubaluleke kakhulu ngoko ke ndicela zonke iinkokheli (onke amagosa) ziyifunde ngokuqonda zize ziyidlulisele kuwo onke amalungu enkonzo, kwaye wonke ubani kufuneka akuphile (akwenze) oko okubhalwe kumyalelo weDetoromia 4:32. Le ncwadi yoHlaziyo – mnqophiso (Duteronomi) isifundisa ukuba kufuneka sizifune okokuba singoobani na kwaye sazi nemvelaphi yethu.

Incwadi yeJubilees 12:17 – 20 ifundeka ngolu hlobo:

17. Kwafika ilizwi entliziyweni yakhe, lathi: Yonke le miqondiso yeenkwenkwezi, nemiqondiso yenyanga neyelanga isesandleni sikaYehova. Kutheni ndibagocagoca? 18. Ukubangaba Uyathanda wenza kunethe, imini nobusuku; aze Athi ukuba uyathanda Ayibambe imvula ingani, kwaye zonke izinto zisesandleni saKhe. 19. Wathandaza ngobo busuku wathi, “Thixo wam, Thixo Ophezu kwako konke, Wena wedwa unguThixo wam, ndikhethe wena nolawulo lwaKho, Izinto zonke zidalwe nguWe, kwaye zonke izinto zingumsebenzi wezandla zaKho. 20. Ndihlangule ezandleni zemimoya emdaka, elawula iingcinga zeentliziyiyo zabantu, mazingandilahlekisi ndimke kuwe, Thixo wam. Ndizimase mna nembewu yam ngonaphakade ukuze singalahleki ukususela ngoku kude kuse ephakadeni.

Lo myalelo awusuki kum, kodwa, usuka kwiNkosi yethu uYesu Krestu owafa ngenxa yethu khon’ ukuze sibe nokusindiswa.

UTata wenu umPostile

H MKHONZA

DATE: 04-08-2025